Isalathiso: 20181114-8619
Inombolo yefayili: 13/1/1/3
Imibuzo: KuBaphathi beeSekethe/kuBaququzeleli boVavanyo

ISetyhula: 0045/2018
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abafundi iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isishwankathelo esifutshane: *Imbopheleleko eyimvumelwano enxulumene nenkqubo yokudlulela kwibakala elilandelayo nokuphunyezwa kweThuba loKuhlalela uViwo iXesha eLingaphezu koNyaka* (*Multiple Examination Opportunity*) (*MEO*).

Isihloko: Imbopheleleko eyimvumelwano enxulumene nenkqubo yokudlulela kwibakala elilandelayo nokuphunyezwa kweThuba loKuhlalela uViwo iXesha Lingaphezu koNyaka (MEO)

1. Ngokwemimiselo i-*Regulations pertaining to the National Curriculum Statement Grades R–12*, epapashwe kwiSaziso No. R1114, kwi*Gazethi yeMimiselo* No. 9886 yange-28 Disemba 2012, umfundi unokugcinwa kube kanye kuphela kwiSigaba seMfundo eQhubelekayo noQeqesho (*Further Education and Training*) (*FET*), ukuze kuthintelwe umfundi ekubeni agcinwe kwesi sigaba ithuba elingaphezu kweminyaka emine.

2. Oku kuthetha ukuba umfundi ongazifezekisiyo iimfuno zokupasa kwiBakala 10 okanye kwiBakala 11 emva kokuphinda ibakala, **unokuvunyelwa adlulele** kwibakala elilandelayo. Nakuba kunjalo, umfundi ololo hlobo makazaneze zonke iimfuno zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*) ekupheleni kweBakala 12, ukuze anikwe i-*NSC*.

3. Ngokuthathela ingqalelo oku, **ukudlulela** nokuba kukwiBakala 11 okanye kwiBakala 12, kuxhomekeke kwezi khrayitheriya zilandelayo:

(a) Umfundi kufuneka kuthi kanti akalipasanga nokuba liBakala 10 okanye iBakala 11 waza waphinda nokuba liBakala 10 okanye iBakala 11.
(b) Umfundi kufuneka apase ngo-30% kwizifundo ezine kwezisixhenxe ezifundiswa kwi-*NSC*, ezibandakanya uLwimi lokuFunda nokuFundisa (*LoLT*) kunye nezinye izifundo ezithathu ezisuka kumaQela A kunye/okanye u-B kubandakanywa noLwazi ngezoBomi (*Life Orientation*).
(c) Umfundi kufuneka kuthi kanti ebesihamba qho isikolo. Ukungahambi sikolo iintsuku zokufundisa ezigqithisileyo kwi-20, ngaphandle kwesizathu esibambekayo, kuya kumkhiqa umfundi ekubeni makadluliselwe kwibakala elilandelayo. Oku kuthathwa njengokuhamba isikolo kakubi.
(d) Umfundi makathobele iimfuno zoVavanyo oluQhubekela eZikolweni (*School-based Assessment*) (*SBA*) ezimiselweyo zazo zonke izifundo ezifundiswayo, kubandakanywa nezifundo angazipasanga.

4. Abafundi abadluliselweyo ukusuka kwiBakala 11 ukuya kwiBakala 12 **kuphela**, bangalinikwa iThuba loKuhlalela uViwo iXesha eLingaphezu koNyaka (*Multiple Examination Opportunity*) ekupheleni kweBakala 12, ukuze babe nokuzigqiba ngempumelelo iimviwo ze-*NSC* zabo.

5. Inkqubo ye*MEO* lunyinyiso (*concession*) olwenziwayo ukubhala ubuncinane bezifundo ezine (kubandakanywa noLwazi ngezoBomi) kunyaka weBakala 12 kunye nezifundo ezishiyekileyo kwiimviwo zangoJuni zonyaka olandelayo yaye zingafundiswa kuphela ukuba **zonke** ezi khrayitheriya zilandelayo ziyafezekiswa:

   Umfundi weBakala 12 kufuneka:
   (a) kuthi kanti ebedluliselwe ukususela kwiBakala 11 ukuya kwiBakala 12;
   (b) kuthi kanti uzigqibe **zonke** iimfuno zakhe zoVavanyo oluQhubekela eZikolweni (*SBA*) kuzo **zonke** zosixhenxe izifundo kwiBakala 12;
   (c) kuthi kanti ebesihamba qho isikolo (ukungasihambi isikolo iintsuku zokufundisa ezigqithisileyo kweziyi-20, ngaphandle kwesizathu esibambekayo);
   (d) kuthi kanti sele ezibhalile iimviwo zikaSeptemba kuzo zonke izifundo; **yaye**
   (e) akazipasanga **ubuncinane bezintathu** izifundo kwiimviwo zangoSeptemba 2018.

6. Inkqubo enokukhethwa eyi*MEO* yaqaliswa ukulungiselela abafundi abadluliselweyo ukusuka kwiBakala 11 ukuya kwiBakala 12 kodwa abaye bathi, ngokusekelwe kwinkqubo yabo kwiBakala 12, banako ukubonisa ukuba abakwazi kumelana nomthwalo wokubhala zonke zontandathu izifundo kuviwo oluchotshelwa kube kanye.

7. Ukususela ngoNovemba 2018, zonke izikolo kunye nabazali/abagcini kunye nabafundi mabathobele iinkqubo ezinxulumene nokudluliselwa kwibakala elilandelayo kunye nokusetyenziswa kwenkqubo ye*MEO*.

7.1 Emva kokuba senziwe isigqibo ngokudluliselwa komfundi weBakala 11 ukuya kwiBakala 12 senziwe kwinqanaba lesikolo, abazali/abagcini babo bonke abafundi abadluliselwe kwelinye ibakala baya kucelwa ukuba basayine **iMvumelwano yeMbopheleleko (IsiHlomelo A)** apho:

(a) umzali/umgcini avumayo ukuba unyana/intombi yakhe, ayikazifezekisi iikhrayitheriya zokupasa iye kwiBakala 12;
(b) umzali/umgcini avumayo ukuba unyana/intombi yakhe yenzelwe unyinyiso olukhethekileyo (*special concession*) ukuba badluliselwe kwiBakala 12; yaye
(c) umzali/umgcini uyavuma ukuba inqununu iya kuthi ngokuthethana nabo, acele ukuba basayine isicelo **(IsiHlomelo B)** ukwenzela ukuba umfundi alandele i*MEO* ekupheleni kweBakala 12, ukuba umfundi uyazaneza zonke iikhrayitheriya.

7.2 Le nkqubo mayigqitywe ungadlulanga owe-20 Januwari kunyaka ngamnye. IMvumelwano eyiMbopheleleko esayiniweyo mayizaliswe esikolweni ifumaneke ukuze ibe nokungqinisiswa.

7.3 Inqununu yesikolo nomphathi weseketheе mabaqinisekise ukuba ubume beenkcukacha zomfundi odlulela kwibakala elilandelayo, buchanekile kwi*CEMIS* ungadlulanga umhla we-20 Januwari kunyaka ngamnye.

7.4 Inqununu kufuneka kunyaka weBakala 12 wonke, inike inkxaso eyiyo kumfundi odluliselwa kwibakala elilandelayo.

7.5 Inqununu mayibeke esweni inkqubo yomfundi odluliselwa kwibakala elilandelayo kwikota nganye yeekota yaye inike umzali/umgcini iripoti ebhaliweyo ngenkqubela yomfundi ekupheleni kwekota nganye.

7.6 Iripoti yekota nganye mayichaze isifundo (zifundo) apho umfundi angaqhubi kakuhle kuzo yaye umfundi unokucelwa ngokulandelayo ukuba makakuhlehlisele ukubhalwa kweso sifundo (kwezo zifundo) kuviwo lukaJuni wonyaka olandelayo.

7.7 Oku kuthetha ukuba isigqibo sokuba ingaba umfundi odluliselwa kwibakala elilandelayo uya kulandela inkqubo enokukhethwa ye*MEO*, siya kuxhomekela kwinkqubo yomfundi kwisifundo ngasinye kwikota yokuqala nakweyesibini, nakuviwo lokulungiselela (*preparatory examination*) kwikota yesithathu. Inkqubo kuviwo lokulungiselela iya kuba sesona sizathu siphambili sokwenza isigqibo ekuqondeni ukuba ngaba umfundi uya kucelwa ukuba alandele inkqubo enokukhethwa eyi*MEO* na.

7.8 Emva koviwo lokulungiselela lwangoSeptemba, inqununu yesikolo mayithethane nomzali/nomgcini kunye nomfundi odluliselwe kwibakala elilandelayo ngokubhekisele ekusetyenzisweni kwenkqubo enokukhethwa ye*MEO*.

(a) Inkqubo enokukhethwa ye*MEO* isebenza kuphela kubafundi abadluliselwe kwiBakala 12 nabazithobelayo zonke zontlanu iikhrayitheriya.
(b) Abafundi ababedluliselwe kwiBakala 12, nababonisa inqanaba lenkqubo efanelekileyo kuzo zonke izifundo kunyaka weBakala 12 wabo, baya kuvunyelwa babhale zonke zontandathu izifundo kuviwo lweBakala 12.
(c) Inqununu iya kubhala kwisicelo, **kwisiHlomelo B**, izifundo ezine (kubandakanywa uLwazi ngezoBomi) eziya kubhalwa kunyaka weBakala 12 kunye nezifundo ezithathu eziya kubhalwa kuviwo lwangoJuni kunyaka olandelayo.
(d) Inqununu mayigcine **isiHlomelo B** namanye amaxwebhu afanelekileyo, ukuba kuye kwacelwa ubungqina baloo nto yiofisi yesithili okanye nguNdlunkulu.
(e) Ukuqatshelwa kwabafundi be*MEO* makwenziwe kwi*CEMIS*.

8. Izithili mazibeke esweni izikolo ngononophelo ukuqinisekisa ukuba umgaqo-nkqubo ongokudluliselwa kwibakala elilandelayo komfundi neThuba loKuhlalela uViwo iXesha eLingaphezu koNyaka lisetyenziswa ngokufanelekileyo.

9. Izigqibo ezenziweyo ngokubhekisele kwinkqubo yokudlulisela umfundi kwibakala elilandelayo kunye ne*MEO* makwenziwe oko kuthathelwa ingqalelo eyona mfuno iphambili yomfundi.

10. Uyacelwa ngesihle wazise okukule Setyhula bonke ootitshala, abazali/abagcini nabafundi abasesikolweni sakho ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-HA LEWIS
IBAMBELA NTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2018-12-10

IMVUMELWANO YEMBOPHELELEKO YOMZALI/YOMGCINI ENXULUMENE NOKUDLULISELWA KOMFUNDI KWIBAKALA ELILANDELAYO NOSETYENZISO LWETHUBA LOKUHLALELA UVIWO IXESHA ELINGAPHEZU KONYAKA (*MEO*)

1. Ngokwemimiselo yee-*Regulations pertaining to the National Curriculum Statement Grades R–12*, epapashwe ngokweSaziso No. R1114, kwiGazethi yeMimiselo No. 9886 yowe-28 Disemba 2012, umfundi unokugcinwa kube kanye kwiSigaba seMfundo noQeqesho oluQhubelekayo (*FET*), ukuze kuthintelwe ukugcinwa kwalo mfundi kwesi sigaba ngaphezu kweminyaka emine.

2. Oku kuthetha ukuba umfundi, ongazifezekisiyo iimfuno zokupasa kwiBakala 10 okanye iBakala 11, emva kokuphinda ibakala, **unokuvunyelwa ukudlulela** kwibakala elilandelayo. Nakuba kunjalo, umfundi ololo hlobo makazaneze zonke iimfuno zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (*NSC*) ekupheleni kweBakala 12, ukuze anikwe i-NSC.

3. Ngokweerekhodi zesikolo unyana/intombi yakho idluliselwe kwiBakala 11 isiya kwiBakala 12.

4. Unyana/intombi yakho **odluliselweyo ukusuka kwiBakala 11 ukuya kwiBakala** 12, angalinikwa iThuba loKuhlalela uViwo iXesha eLingaphezu koNyaka (*Multiple Examination Opportunity*) (*MEO*) ekupheleni kweBakala 12, ukuze abe nokuzigqiba ngempumelelo iimviwo ze*NSC* zakhe.

5. Inkqubo ye*MEO* lunyinyiso (*concession*) olunikwayo ukubhala ubuncinane bezifundo ezine (kubandakanywa uLwazi ngezoBomi) kunyaka weBakala 12 (2019) kunye nezifundo ezishiyekileyo kwiimviwo zangoJuni zonyaka olandelayo (2020) yaye zinokufundiswa kuphela ukuba **zonke** ezi khrayitheriya zilandelayo ziyafezekiswa:

   Umfundi weBakala 12 kufuneka:
   (a) Kuthi kanti ebedlulisiwe ukusuka kwiBakala 11 ukuya kwiBakala 12;
   (b) Kuthi kanti uzigqibe **zonke** iimfuno zakhe zoVavanyo oluQhubekela eZikolweni (*School-based Assessment*) (*SBA*) kuzo **zonke** zizosixhenxe izifundo kwiBakala 12;
   (c) Kuthi kanti ebesihamba qho isikolo (ukungabikho sesikolweni iintsuku zokufundisa ezigqithisileyo kweziyi-20, ngaphandle kwesizathu esibambekayo);
   (d) Kuthi kanti sele ezibhalile iimviwo zikaSeptemba kuzo zonke izifundo; **yaye**
   (e) akazipasanga **ubuncinane bezintathu** izifundo kwiimviwo zangoSeptemba.

6. Izifundo ezine (kubandakanywa noLwazi ngezoBomi) eziya kubhalwa kunyaka weBakala 12 (2019) ziya kugqitywa yinqununu, emva kokubonisana nawe, umzali/umgcini, kunye nonyana/nentombi yakho. Oku kuya kusekelwa kwinkqubo yonyana/yentombi yakho kunyaka weBakala 12 wakhe kunye noviwo lokulungiselela leBakala 12 ngoSeptemba 2019.

7. Okunokukhethwa okuyi*MEO* kwenzelwe ukulungiselela abafundi abadluliselwe ukusuka kwiBakala 11 ukuya kwiBakala 12 nabaye bathi, ngokusekelwe kwinkqubo yabo kwiBakala 12, banako ukubonakalisa ukuba abanako ukumelana nomthwalo wokubhala zonke zontandathu izifundo kuviwo oluhlalelwa kube kanye.

8. Ngokusayinwa kweMvumelwano eyiMbopheleleko, umzali/umgcini:

8.1 umzali/umgcini uyavuma ukuba unyana/intombi yakhe, ayikazifezekisi iikhrayitheriya zokupasa isiwe kwiBakala 12;

8.2 umzali/umgcini uyavuma ukuba unyana/intombi yakhe yenzelwe unyinyiso olukhethekileyo (*special concession*) lokudluliselwa kwiBakala 12; yaye

8.3 uyavuma ukuba inqununu iya kuthi, ngokuthethana nawe, ikucele ukuba usayine isicelo sonyana/sentombi yakho ukulandela i*MEO* ekupheleni kweBakala 12, ukuba uyazaneza zonke iikhrayitheriya ezikumhlathi 5.

9. Isigqibo senkqubo enokukhethwa ye*MEO* siya kwenziwa kuphela emva:

9.1 kokuba inqununu inike unyana/intombi yakho inkxaso eyaneleyo kunyaka weBakala 12 wonke;

9.2 inqununu ibeke esweni inkqubo yonyana/yentombi yakho kwikota nganye yeekota waza wanika wena, mzali/mgcini, iripoti ebhaliweyo ngenkqubela yonyana/yentombi yakho ekupheleni kwekota nganye ichaza isifundo (izifundo) apho angaqhubi kakuhle khona yaye unyana/intombi yakho isenokucelwa ukuba ngenxa yoku mayikuhlehlisele ukubhalwa kweso sifundo (kwezo zifundo) kuviwo lukaJuni wonyaka olandelayo; kunye

9.3 noviwo lokulungiselela olungoSeptemba ngokuthethana nawe, umzali/umgcini, kunye nonyana/intombi yakho.

Mna _____ (amagama apheleleyo omzali/omgcini), Inombolo yesazisi _____, yomzali/yomgcini ka _____ (amagama apheleleyo omfundi), Inombolo yesazisi _____ , ndikufundile ndakuqonda okungaphakathi kwiMvumelwano yeMbopheleleko. Ndiyakwamkela yaye ndivuma ukuba zonke izigqibo ziya kwenziwa kuqatshelwa eyona mfuno iphambili yonyana/yentombi yam.

_____ _____

IGAMA NEFANI YOMZALI/YOMGCINI **ISIGNITSHA YOMZALI/YOMGCINI**

_____

UMHLA:

_____ _____

IGAMA NEFANI YOMFUNDI **ISIGNITSHA YOMFUNDI**

_____

UMHLA:

_____ _____

IGAMA NEFANI YENQUNUNU **ISIGNITSHA YENQUNUNU**

_____

UMHLA:

Isitampu sesikolo

Western Cape Government
Education

Directorate: Assessment Management

ANNEXURE B

APPLICATION FOR MULTIPLE EXAMINATION OPPORTUNITY (MEO) – 2019

SCHOOL: _____ DISTRICT: _____

LEARNER: _____ EXAM NO.: _____

A learner selecting this option must comply with <u>all</u> of the following criteria:

YES/NO was progressed from Grade 11 to Grade 12;

YES/NO has completed all his/her School-based Assessment (SBA) requirements in all seven subjects;

YES/NO has attended school on a regular basis (absenteeism not in excess of 20 teaching days, without a valid reason);

YES/NO has written the September 2019 examinations in all subjects; and

YES/NO has failed a minimum of three subjects in the September 2019 examination. **(Attach a copy of the September report.)**

The learner complies with **all** of the above criteria and applies for the MEO option to write his/her subjects over the two examinations as follows:

(SUBJECTS TO BE COMPLETED BY THE SCHOOL)

Four subjects that will be written in 2019	Three subjects that will be written in June 2020
Life Orientation	

I, Mr/Mrs/Ms _____ (parent/guardian)

of _____ (Grade 12 learner) hereby confirm that the school has informed me of my child's performance throughout his/her Grade 12 year and provided adequate support to him/her and therefore I agree to the writing of the subjects in November 2019 and June 2020.

_____ _____

PARENT/GUARDIAN SIGNATURE **PRINCIPAL SIGNATURE**

_____ _____

DATE **DATE**

School stamp